

Isibheno SikaMalusi UPawulos



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:

Gal. 4:12–20, 1 Kor. 11:1, Fil. 3:17, 1 Kor. 9:19–23, 2 Kor. 4:7–12.

Indima Yenkumbulo:

“Ndiyanikhunga, bazalwana, yibani njengam, ngokuba nam ndaba njengani” (Galati 4:12).

Njengoko sesibonile ukuza kuthi ga kule ndawo, uPawulos akazange awaxube amazwi akhe kumaGalati. Intetho yakhe eqatha yayibonisa imvakalelo ephefumlelweyo awayeyiva ngentlala kahle yasemoyeni yebandla awayelisekile. Ngaphandle kwemiba ebalulekileyo eyayingolwazi ngoThixo awayephethe yona uPawulos, ileta yamaGalati ngokubanzi ikwabonisa indlela nje ebaluleke ngayo imfundiso elungileyo. Ukuba into esiyikholelwayo ibingabalulekanga, ukuba ukulunga kwemfundiso bekungenamsebenzi kangako, kungani ukuba uPawulos abe nobushushu obungako, angayekeleli konke, kwileta yakhe? Inyaniso yeyokuba, kunjalo, into esiyikholelwayo ibaluleke kakhulu, ngakumbi kuwo wonke umcimbi wegospile.

KumaGalati 4:12–20, uPawulos uyaqhubeka nengxoxo yakhe, nangona eyitshintsha indlela ayivela ngayo, kancinane phofu. UPawulos wenze iqela leengxoxo ezichubekileyo nezichutywe kancinane ezingokwazi uThixo ukuze awabonise amaGalati iimpazamo zawo. Ngoku ke, wenza isibheno sakhe, isibheno sikamalusi [mhlawumbi singathi, sikamfundisi]. Ngokungafaniyo nabafundisi ababuxoki ababe ngenamdlala wenene kumaGalati, uPawulos uveza inkathalo yenene, ukuhlupheka, ithemba, nothando lukamalusi kumhlambi wakhe olahlekayo. Wayengalungisi nje ulwazi ngoThixo; wayefuna ukulungiselela kwabo wayebathanda.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 26.*

Intliziyo KaPawulos

Funda Galati 4:12–20. Uthini owona mxholo wesigidimi sikaPawulos kwezi ndima?

Isibonakaliso sokuqala sokukhathazeka okwakusinda intliziyo kaPawulos sisibheni sakhe kwindima ye-12. Isibheni silandela kanye emva kokuba uPawulos ephindaphinda ukuthi kumaGalati “yibani njengam.” Ukubaluleka kwegama khunga okanye cenga, ngelishwa, akuveli kakuhle kwezinye iinguqulelo. Igama lesiGrike ngu-deomai. Nangona lingokuguqulwa ngokuthi, “ukukhuthaza” okanye “ukukhunga,” igama lesiGrike linentsingiselo eqinileyo yokuswela ithemba ehlanganiswe kulo (bona: 2 Kor. 5:20, 8:4, 10:2). Ngokwenene uPawulos uthi, “Ndiyanicenga!” Into ehlupha uPawulos yayingekuphela iingcamango zokwazi ngoThixo neendawo zembono zemfundiso. Intliziyo yakhe yayiqamangelekile kubomi babantu abaziswa kuKristu kukusebenza kwakhe. Wayezithabatha ngaphezu komhlobo nje: wayenguyise wabo wasemoyeni, baye bona bengabantwana bakhe. Nangaphezu koko, uPawulos uyifanisa inkathalo yakhe ngamaGalati nokukhathazeka nentlungu ehambelana nenimba ekufumaneni umntwana (Gal. 4:19). UPawulos wayecinga ukuba “ukusebenza nzima” kwangaphambili kwakwanele ukuba “bahlangulwe besindile” ukuseka kwakhe ibandla. [QAPHELA OKU: Umbhali wesifundo, njengoPawulos, usebenzisa amagama omfuziselo wokubeleka, umzekelo, “iintlungu” “ukuphuma usindile”. Njengokuba ngoku amaGalati ebhadule emka enyanisweni, uPawulos wayesiva ezo ntlungu zokubeleka kwakhona ukuze akuqinise ukuhlala kwabo kakuhle.

Wawuyintoni umgomo anawo uPawulos engqondweni ngamaGalati? Zazisithini iziphumo awayefuna ukuzibona ngako konke “ukusebenza nzima” kwakhe ngenxa yabo? Gal. 4:19.

Njengoko ebesele ekuchazile ukwenziwa kwamaGalati esibelekweni, uPawulos ngoku uthetha ngamaGalati ngokungathi ngoku ngawo omama abakhulelweyo. Igama eliguqulewe “amiliswe” [“enziwe” (NKJV)] lalisetyenziswa ngokwasekunyangeni ukubhekisa ekukhuleni kweqanda [esibelekweni]. Ngesi sifaniso, uPawulos uchaza okuthethwa kukuba ngumKristu, umntu eyedwa kunye nanjengebandla. Ukuba ngumlandeli kaKristu kungaphezulu kokuzibiza nje ngokukholwa; kubandakanya inguqulelo ekhawulezayo ukufana noKristu. UPawulos “wayengalindelanga kumaGalati ukuguqulwa okuncinane apha naphaya kodwa inguqulelo eyayizakwenza ukuba ukubona amaGalati kube kukubona uKristu.”—Leon Morris, *Galati (Downers Grove, Ill.: InterVarsity Press, 1996)*, p. 142.

Zeziphi iindlela othe ngazo wabona isimilo sikaKristu sibonakala kobakho ubomi? Zeziphi iindawo ekusafuneka ukhule kakhulu kuzo?

Umngeni Wokuba [Yinto Ethile]

Funda 1 Korinte 11:1; Filipi 3:17; 2 Tesalonika 3:7–9; ne-Zenzo 26:28, 29. Uthini apha uPawulos le ibonakala kumaGalati 4:12? Simele ukuyiqonda njani le ngongoma?

Amaxesha amaninzi uPawulos kwiileta zakhe ukhuthaza amaKristu ukuba alinganise ukuziphatha kwakhe. Kwimeko nganye, uPawulos uzibeka njengomzekelo onegunya omele ukulandelwa ngamaKristu. Ku-2 Tesalonika 3:7–9, uPawulos uzinikela njengomzekelo wendlela amakholwa aseTesalonika amele ukusebenza ngayo ukuze aphile angabi ngumthwalo kwabanye. Ku-Korinte 11:1, uPawulos ubuza amaKorine ukuba alinganise yena ekubekeni ukuhlala kakuhle kwabanye phambili. Inkathalo kaPawulos ibonakala ikhangeleka inomahluko. KumaGalati 4:12, uPawulos akawaceli amaGalati ukuba alinganise yena; endaweni yoko uthi mawabe “njengokuba enjalo” –uthetha ngokuba, hayi ngokwenza. Kuba kutheni? Inkathazo eGalatiya yayingekuko ukungaziphathi kakuhle okanye kubomi bokungahloneli Thixo, njengasebandleni laseKorinte. Umcimbi waseGalatiya wawumile kuqobo lobuKristu ngokwabo. Kakhulukazi yayikukuba [ngamaKristu] kunokuziphatha [okwamaKristu]. UPawulos wayengathi yenzani njengam, kodwa yibani njengam. Eyona ntetho kumaGalati 4:12 yenzeka kwisibheni sikaPawulos kuHerod Agrippa II kwiZenzo 26:29 (ESV), apha uPawulos abhala athi, “Ndithandaza kuThixo, ukuba ingabi nguwe wedwa, ibe ngabo bonke abandivayo namhlanje, abaya kuthi, nangokuncinane nangokukhulu, babe njengam nje—ngaphandle kwezi ntambo (ugxininiso lwenziwe ngumbhali). Ngamanye amazwi, uPawulos ubhekisa kumava akhe njengomKristu, isiseko esimile kuKristu kuphela, ukholo oluthemba oko uKristu amenzele kona kungekho emisebenzini yakhe yomthetho. AmaGalati ayebeke ixabiso elikhulu ekuziphatheni kwawo kunasekubonakaleni kwawo ekuKristu.

Nangona uPawulos engayibeki ngokuphandle eyona nto afuna amaGalati abe nguye ngayo, umxholo wemeko eGalati ubonisa ukuba yayiyintetho equke konke ehlanganisa imiba neenkukacha zobomi bakhe. Ngenxa yokuba into eyayimkhathaza yayiyinkolo yamaGalati exhomekeke ekugcinweni komthetho, uPawulos ngokuqinisekileyo engqondweni wayenobuhle bothando, uvuyo, inkululeko, ngokuqinisekileyo nosindiso awalufumana kuYesu Kristu. Ngokommangaliso wokukhanya kukaKristu, uPawulos wafunda ukuyibala yonke enye into ukuba iyinkunkuma (Filipi 3:3-9)—waza walangazelela ukuba amaGalati nawo abe nala mava manye.

Ingaba ukho ubani omaziyo (ngaphandle kukaYesu) okunika wena umzekelo omhle? Ukuba kunjalo, zithini iimpawu zalo mntu ozifumana zingumzekelo, kwaye ungazibonakalisa njani kakuhle kakhulu kobakho ubomi?

I Have Become as You Are

Funda 1 Korinte 9:19–23. Uthini uPawulos kwezi ndima, nto leyo enokusinceda ukuba siyiqonde ngcono into ayithethayo kwindawo yokugqibela kumaGalati 4:12? (Khangela nakwiZenzo 17:16–34, 1 Kor. 8:8–13, Gal. 2:11–14.)

UmaGalati 4:12 angabonakala ephazamisisa ingqondo. Kutheni le nto amaGalati kufuneka abe njengoPawulos, ukuba yena sele waba njengawo? Njengoko sibonile kwisifundo sayizolo, uPawulos wayefuna ukuba bona babe njengaye kukholo lwakhe olupheleleyo nokuqina ekwaneleni ngokupheleleyo kukaKristu ekusindiseni. Intetho yakhe ngokuba njengabo yayisisikhumbuzo sendlela awathi ngayo, nangona wayengumYuda, wanjengeNtlanga “ngaphandle komthetho” ukuze akwazi ukufikelela eziNtlangeni eziphakathi kwawo ngevangeli. Njengomvangeli omkhulu ezweni leeNtlanga, uPawulos wayefunde indlela yokushumayela iindaba ezilungileyo kumaYuda nakwiiNtlanga. Inyaniso yeyokuba, ngokwama-1 Korinte 9:19–23, nangona ivangeli yayingaguqukanga, indlela yokuyibeka kukaPawulos yahluka, kuxhomekeke kubantu awayezama ukubafikelela. “UPawulos waba nguvulindlela kwinto esiyibiza namhlanje ngokuthi kukulungelelanisa ngokwemeko, isidingo sokuyibeka ivangeli ngendlela eya kuyenza ithethe ivakale kwimeko epheleleyo yabantu abo ibhekiswa kubo.” — Timothy George, *The New American Commentary: Galati (Nashville, Tenn.: Broadman & Holman Publishers, 1994)*, p. 321. Iintetho zikaPawulos ku-1 Korinte 9:21 zibonisa ukuba wayekhohlelwa ukuba kukho imida apho ubani anokuhamba afikelele khona ekulungelelaniseni ivangeli ngokwemeko. Uthetha, umzekelo, ngokuthi, nangona ubani ekhululekile ukufikelela ngeendlela ezahlukeneyo kumaYuda nakwiiNtlanga, le nkululeko ayilibandakanyi ilungelo lokuphila ubomi bokungabi namthetho, kuba amaKristu aphantsi komthetho kaKristu.” Nangona ukulungelelanisa kungasoloko kulula, “kangangoko sinakho ukwahlula umongo wegospile kwiqokobhe lenkcubeko, ukulungelelanisa isigidimi sikaKristu ngaphandle kokuthoba umgangatho kumxholo wayo, nathi sinakho ukuba ngabalinganisa uPawulos.” — Timothy George, *Galati*, pp. 321, 322.

Kulula kakhulu ukuhlangabezana [ukuyekelela], akunjalo? Maxa wambi okona umntu enexesha elide engumKristu, okona kubalula nokuhlangabezana. Kutheni le nto kunjalo? Khangela apha kuwe ngokunyanisekileyo. Kungakanani ukuyekelela okungene ebomini bakho, izeziphi indlela okuthethelele ngazo? Ungayijika njani le nto kwiindawo apho udinga ukwenza njalo?

Ngelo Xesha Nangoku

Ubudlelwane bukaPawulos kunye namakholwa amaGalati babungasoloko bunzima bubanda njengokuba buye banjalo ngoku. UPawulos ucinga ngexesha awayeqala ukushumayela eGalatiya, uthetha ngendlela eyayintle abaya bamphatha ngayo. Kwenzeka ntoni?

Zithini iziganeko ekukhangeleka ukuba zizo ezikhokelela ekubeni uPawulos agqibe ukuba ayishumayele ivangeli eGalatiya? Gal. 4:13.

Kubonakala ingathi yayingeyiyo injongo yokuqala ukushumayela kukaPawulos ivangeli eGalatiya. Ukugula okuthile, mhlawumbi, kwamfumana endleleni, kumnyanzela ukuba ahlale ithutyana eGalatiya kunokuba wayecinga okanye wathi makaye eGalatiya apho wayeza kuchacha ehleli khona. Kukho ukungaqondakali okujikeleze imeko yesifo sikaPawulos. Abanye bathi ingathi wayefunyenwe yi“malaria” [isifo esibangwa kukulunywa ziingcongconi]; abanye, (ngenxa yento ayithethayo uPawulos yokuba ebengavuya nokuba bebenokukhupha awabo amehlo bawanike yena), bacinga kuba mhlawumbi kwakungenxa yesifo samehlo. Isigulo sakhe kunokwenzeka ukuba sasihlangene “[no]viko enyameni” athetha ngalo ku-2 Korinte 12:7–9. Nokuba wayegula yintoni uPawulos, into asixelela yona yeyokuba yayimbi yada yasisilingo kumaGalati. Kwilizwe apho ukugula kwakubonwa njengomqondiso wokungakhohiseki kwezulu okanye kukaThixo (Yohane 9:1, 2; Luka 13:1–4), ukugula kukaPawulos kwakunokuwanika ngokulula amaGalati isizathu sokwala kokubini, uPawulos nesigidimi sakhe. Sekunjalo, amamkela uPawulos ngentliziyo yawo iphela. Ngokuba kwakutheni? Ngokuba iintliziyo zabo zazifudunyezwe kukushunyayelwa komNqamlezo (Gal. 3:1) nokuthinjwa nguMoya Oyingcwele. Babenganika sizathu sithini ngoku ngokutshintsha kwengqondo yabo?

Sinokuba sasiyintoni isizathu sikaThixo sokuba avumele uPawulos ukuba abulaleke? Wayengalungiselela njani uPawulos kwabanye xa wayetsala nzima ngezakhe iingxaki? Roma 8:28, 2 Kor. 4:7–12, 12:7–10.

Nokuba sasiyintoni isigulo sikaPawulos, ngokuqinisekileyo sasisibi, kwaye sasinako ukumnika isizathu sokuba amsole uThixo ngeengxaki zakhe okanye asuke akuncame akuyeke ukushumayela ivangeli. UPawulos akazange enze nanye kwezi zinto zimbini. Endaweni yokuyivumela imeko ukuba imlawule, uPawulos wasuka wayisebenzisa njengethuba lokuxhomekeka ngokugqithisileyo kubabalo lukaThixo. “Amaxesha ngamaxesha uThixo usebenzise iinkathazo zobomi—ukugula, intshutshiso, ubuhlwempu, neentlekele zendalo neezingenakuchazwa—njengamathuba okubonakalalisa inceba nobabalo lwaKhe njengeendlela zokuhambisela phambili umsebenzi weendaba ezilungileyo.”—Timothy George, *Galati*, pp. 323, 324.

Ungakufunda njani ukuvumela ukuba izilingo nokuphatheka kakubi kwakho kukwenze ukuba wayame ngakumbi eNkosini? (Zeziphi ezinye izinto onokuzenza?)

Ukuthetha Inyaniso

Funda Galati 4:16. Yingongoma ethini enamandla ayibekayo apha uPawulos? Zeziphi iindlela onokuthi kanti nawe wakha wanawo amava alolu hlobo? (Bona nakuYohane 3:19; Mat. 26:64, 65; Yer. 36:17–23.)

Intetho ethi “ukuthetha inyaniso” ikholisa ukuba nentsingiselo egwenxa, ngakumbi kule mihla neli xesha lethu, xa inokubonwa njengebetha ngamandla, inganqandwa nto, ukuyithetha inyaniso ngendlela engathengi buhlobo, nokuba iyakrakra okanye ayifunwa. Ukuba kwakungengazo iintetho zikaPawulos kumaGalati 4:12–20 kunye nezinye iintetho ezithe saa kuyo yonke ileta yakhe (bona kumaGal. 6:9, 10), omnye ebengaphazama athi, umdla kaPawulos enyanisweni yevangeli wawungaphezulu kokubonakalisa uthando. Kanti ke, njengoko sibonile, nangona uPawulos wayekhathala ngokuyazi kwamaGalati “inyaniso yeendaba ezilungileyo” (bona kumaGal. 2:5, 14), oko kukhathala kwabakho kuba wayewathanda. Ngubani ongazange abe nawo amava okunyanzeleka ukuba wohlwaye umntu okanye uthethe ngokuphandle iinyaniso—nokuba kungaziphi izizathu—abangathandi ukuziva? Sikwenza oko kuba sikhathala ngomntu lowo, kungekuba sifuna ukumvisa ubuhlungu, nangona igalelo la mazwi ethu ngokwelo xesha livisa ubuhlungu okanye lenze babenomside okanye basithiye. Siyakweza oko sekunjalo, kuba sisazi ukuba yeyona nto leyo ayidingayo umntu ukuba ayive nokuba akafuni yena.

KumaGalati 4:17–20, uthini uPawulos ngabo abaphikisayo? Yintoni enye ayinika umngeni, ngaphandle koko bakufundisa ngoThixo?

Ngokuchasene nokuba selubala kwevangeli kaPawulos, awathi ngayo wazibeka esichengeni sengqumbo yamaGalati, abachasi bakhe babexakekile bezama ukuthandwa ngamaGalati, kungengakuba babewathanda amaGalati kodwa ngenxa yeenjongo zabo zokubawa ababenazo. Ayicacanga kakuhle into ethethwa nguPawulos xa athi abachasi bakhe “basuka bathande ukunivalela phandle,” nangona oku mhlawumbi kubhekisa ekuzameni ukubavalela ngaphandle kwamalungelo egospile bade bamkele ulwaluko.

Cinga ngesiganeko apho amazwi akho, enyanisekile kwaye edingeka, asuka enza ukuba ubani othile abe nomsindo ngakuwe. Yintoni owayifundayo kuloo mava enokunceda kwixesha elizayo xa ufuna ukwenza into efana naleyo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

“Kumabandla aseGalati, imposiso engasithelanga, ethe genge, yayisima endaweni yesigidimi seendaba ezilungileyo. UKristu, isiseko senkolo, walahlwa ngokupheleleyo kusima iinkonzo ezaphelwayo zobuYuda. Wabona umpostile ukuba, ukuze asindiswe amakholwa aseGalati kwiimpembelelo eziyingozi ezaziwazela, kufuneka kuthatyathwe amanyathelo angqongqo, kunikwe ezona ziyalo zibukhali. Kukho ke apha isifundo esibalulekileyo esinokufundwa nguye wonke umlungiseleli kaKristu esi sokuba ukusebenza kwakhe akwenze kulungele imeko yabantu ajongene nokubanceda. Ububele, umonde, ukuba nesigqibo, nokuqina, zonke zizinto ezifuneka ngokufanayo; kodwa zizonke kufuneka zisetyenziswe ngokuzahlula ngokufanelekileyo. Ukusebenzana ngobulumko neendidi ezahlukeneyo zeengqondo, phantsi kweemeko neemfuno ezahlukeneyo, kungumsebenzi ofuna ubulumko nokubona okukhanyiselweyo nokungcwaliswe nguMoya kaThixo. . . . “UPawulos wacengana nabo babeke bawazi ebomini babo amandla kaThixo, ukuba babuyele kuthando lwabo lokuqala lwenyaniso yeendaba ezilungileyo. Ngeentetho ezingenakuphendulwa, wabeka phambi kwabo ilungelo abanalo lokuba ngamadoda nabafazi abakhululekileyo kuKristu, abathi ngobabalo lwaKhe oluxolelanisayo bonke abazinikela ngokupheleleyo bambathiswe ingubo yobulungisa baKhe. Wema kwindawo ethi wonke umphefumlo onga ungasindiswa kufuneka ube namava enene, awaxhamlayo ezintweni zikaThixo. “Amazwi kampostile anyanisekileyo okubacenga awazange awe phantsi. UMoya Oyingwele, wabafikela ngamandla amakhulu, bathi abaninzi abanyawo zabo zazilandele iindlela ezigwenxa, babuyela kukholo lwabo lokuqala lweendaba ezilungileyo. Ukususela ngoko, bema enkululekweni uKristu awabakhululela kuyo.”—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, amaph. 385, 386, 388.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Hlalani ngakumbi kumba wokuphatheka nzima nendlela uThixo anokuwusebenzisa ngayo. Sizithini iimeko ekuthi kuzo kungabonakali ukuba kukho okuhle okuphuma ekuphathekeni nzima?
2. Camngcani ngembono kaKristu owenziwa ngaphakathi kwethu. Kuthetha ntoni oku ngendlela ebambekayo? Singazi njani ukuba oku kuyenzeka kuthi? Sizigcina njani ukuba singatyhafi ukuba ayenzeki ngokukhawuleza njengoko sicinga ukuba ifanele?

Isishwanksathelo:

UPawulos wenze iqela leengxoxo ezichubekileyo nezichutywe kancinane ezingokwazi uThixo, ngoku uPawulos wenza isibheno esisesakhe nesinemvakalelo enzulu kumaGalati. Uwacenga ukuba alive icebiso lakhe, ewakhumbuzwa ngobudlelwane obuhle abakha babelana ngabo kwanothando lwenene nokukhathazeka anako ngenxa yabo njengoyise wabo wasemoyeni.

